Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

NOVEMBA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

AMANQAKU: **100**

IXESHA: **2½ iiyure**

* I X H O H L 3 *

Olu viwo lunamaphepha ama – 6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi emide (25 x 2) (50)

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo ibe miBINI kwi CANDELO B.

2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO A nemibuzo ibe miBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/ amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko nemihlathi.

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacelwa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80.
   ICANDELO B: Imizuzu engama-70.

8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisihloko nakumhlathana.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-290–340 kwisincoko osikhethileyo.

UMBUZO 1

Ngenene iintsuku ezimnandi azifakwa pokothweni. **[50]**

UMBUZO 2

Ukuphelelwa bubuntombi ngenxa yesibonelelo semali yabantwana. **[50]**

UMBUZO 3

Izinto ezinokwenziwa ukubuyisela isidima seetitshala kubafundi. **[50]**

UMBUZO 4

Yakufa intak'endala amaqand'ayabola! **[50]**

UMBUZO 5

Ukuthandana kwabantu abancinane kunye nabadala kunabo ngeminyaka. **[50]**

UMBUZO 6

Xa ndinokuba ngusihlalo wequmrhu labafundi esikolweni. **[50]**

UMBUZO 7

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.



[50]

UMBUZO 8

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Abaviwa kulindeleke ukuba bakhethe imibuzo ibe miBINI kweli candelo. Bhala amagama angama-100–120 (umxholo kuphela) ngomhlathi owukhethileyo.

UMBUZO 9

ILETA ESESIKWENI

Bhala ileta ucele indawo yokufunda kunyaka ozayo. **[25]**

UMBUZO 10

I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari yomngcwabo obuselalini yakho. **[25]**

UMBUZO 11

INTETHO

Bhala intetho ubulela ootitshala abanincede naphumelela ibanga le-11 . **[25]**

UMBUZO 12

INQAKU ELIYA KUMHLELI

Bhala inqaku eliya kumhleli wephephandaba uphalaze imbilini yakho ngomkhuba wokusetyenziswa kweziyobisi ezikolweni. **[25]**

UMBUZO 13

UDLIWANO-NDLEBE

Yenza udliwano-ndlebe phakathi kwenqununu nomfundi opase emagqabini kwibanga le-11. **[25]**

UMBUZO 14

INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo phakathi komfundi oyeke phakathi ukufunda kunye nosafndayo. **[25]**

AMANQAKU ECANDELO B (25 x 2): 50
AMANQAKU EWONKE: 100